

Intlekele Yokufana



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Isa. 1:1–9, Isa. 1:10–17, Isa. 1:18, Isa. 1:19–31, Isa. 5:1–7.

Indima Yenkumbulo:

“Khanize sibonisane, utsho uYehova; nokuba izono zenu zide zavela zanjengengubo ebomvu, zoba mhlophe njengekhephu; nokuba zide zayingqombela njengebala elibomvu, zovela zinjengoboya begusha” (Isaya 1:18, NKJV).

Ukulahleka ezweni lokulibala. Xa uqhuba eIreland kwindledlana ecuthekileyo yasemaphandleni ephahlwe ziintango, ungayifumana indlela ivalwe ziinkomo ezigodukayo emva kokuba zitye kamnandi. Nokuba umalusi unazo, ziya kuya kwindawo yazo yokutya. Ziya kwazi ukuba ziphi, nokuba zizezikabani. Ukuba inkwenkwana isevenkileni ize yahlukane nonina ize ikhwaze, “Ndilahlekwe ngumama!” isenokungazi kakuhle apho ikhona, okanye apho unina akhoyo, kodwa phakathi kwenyambalala yomama abahamba-hamba apha evenkileni, iya kumazi umama omnye ekuphela kwakhe ongowayo. Kulusizi ukuthi, ngokungafaniyo nezo nkomo zaseIreland (kude kuthi chatha kwinkwenkwana elahlekileyo), amaYuda alibala ukuba angakaYehova, iNkosi yawo yasezulwini, aza alahlekwa kukuba angoobani njengabantu bomnqophiso. “Ndikhulise abantwana ndabondla, besuka bakreqa kum. Inkomo iyamazi umniniyo, ne-esile liyawazi umkhombe wesitali senkosi yalo; ke yena uIsrayeli akazi, abantu bam abaqiqi” (Isa. 1:2, 3). Kule veki siza kukhangela umsebenzi kaThixo wokubuyisela abantu baKhe kuYe.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJanuwari 2.*

Yivani, mazulu! (Isa. 1:1–9)

Incwadi kalsaya ngokufutshane iziveza ngokuchaza umbhali (“unyana ka-Amotsi”), ithende lesigidimi sakhe (“umbono”), nesigidimi sakhe (uYuda nesixeko esiyintloko, iYerusalem, ngexesha lokulawula kookumkani abane). Isigidimi sikwachaza abaphulaphuli abaphambili njengabantu bezwe lakubo ngexesha awayephila ngalo. Umprofeti wathetha nabo ngokubhekiselele kwimeko kwanesiphelo sabo. Ngokukhankanya ukumkani ekwanguxesha lokulawula kwakhe ukusebenza kwakhe, uIsaya uyabacutha abaphulaphuli aze ayiqamangele incwadi kwiziganeko zembali, nopolitiko lwexesha elithile. Eli xesha lisikhokelela kwiingxelo ezifunyanwa ku-2 Kumkani 15–20 nakwi-2 Kronike 26–32.

Funda: Isaya 1:2. Uyintoni umxholo wesigidimi apha? Uthini uYehova? Le ngcamango inye ibonwe njani kuyo yonke imbali engcwele? Ingaba kungatshiwo nangebandla lamaKristu namhlanje? Yichaze impendulo yakho.

Qaphela indlela isigidimi sikaIsaya esiqala ngayo, amazwi athi, “Yivani, mazulu, bekani indlebe, hlabathi” thelekisa noDut. 30:19, Dut. 31:28). UYehova akathethi ukuthi amazulu nomhlaba, ngokwawo, anako ukuva nokuqonda. Endaweni yoko, ukwenzela oko ukucinezela.

Xa ukumkani weMpuma ekufuphi yakudala, njengokumkani wamaHiti, esenza isivumelwano sopolitiko nomlawuli ongaphantsi kuye, wayebiza oothixo bakhe babe ngamangqina ukucinezela ukuba konke ukwaphulwa kwesivumelwano kuya kubonakala kuze kohlwaywe. Sekunjalo, xa owezulu uKumkani wookumkani esenza umnqophiso noIsrayeli ngemihla kaMoses, akazange abhekise kwabanye oothixo njengamangqina. NjengoThixo ekuphela kwaKhe oyinyaniso, wabiza, endaweni yoko, amazulu nomhlaba ukuba ayizalisekise le ndawo (bona nakuDut. 4:26).

Funda ngocoselelo uIsaya 1:1–9. Shwankathela kwimigca engezantsi ukuba yayizeziphi izono zikaYuda. Qaphela ngendlela eyodwa, nokuba zazisithini iziphumo zezo zono. Wayenetyala lantoni uYuda, iyintoni eyenzekayo ngenxa yetyala lakhe? Kwangelo xesha linye, themba lini elinikwayo kwindima 9?

Unqulo Olubolileyo (Isa. 1:10–17)

Funda: Isaya 1:10. Ucinga ukuba kutheni aze asebenzise umfanekiselo weSodom neGomorha? Wayechaza ntoni uYehova?

Funda: Isaya 1:11–15. UYehova ubaxelela ntoni abantu apho? Kutheni uYehova elwala nje unqulo olwalusenziwa ngabantu kuYe?

Kwazona ezo zandla zazinikela imibingelelo ziphakanyiswa ekuthandazeni ”zazizele ligazi”; ukuthi, zazinyala lokwaphula umthetho nokucinezela abanye (Isa. 1:15; Isa. 58:3, 4). Ngokuphaka kakubi amanye amalungu osapho lomnqophiso, babebonisa ukudelela uMkhuseli wawo onke amaIsrayeli. Izone ngakwabanye abantu yayizizono ngakuYehova. Phofu ke, uThixo ngokwaKhe wayelumisele uhlelo lonqulo (Levitikus 1–16) waza wayibeka iYerusalem ibe yindawo efanele ukwenziwa kwalo (1 Kumkani 8:10, 11).

Kanti ke, iinkonzo zazimele ukusebenza phakathi komnqophiso uThixo awawenza naba bantu. Yayingumnqophiso kaThixo noIsrayeli owenza ukuba uThixo akwazi ukuhlala phakathi kwabo engcweleni/etempileni. Ngoko ke, iinkonzo nemithandazo eyayisenziwa apho yayamkeleke kuphela xa yenziwe ngokukholelwa kuYe nomnqophiso waKhe. Abantu ababenikela imibingelelo bengaguqukanga kwizenzo zabo zokuswela ubulungisa ngakwamanye amalungu osapho lomnqophiso babesenza inkonzo yobuxoki. Kungoko, imibingelelo yabo yayinganele ukungafaneleki—yayizizono! Izenzo zokukhonza kwabo zazisithi babethembekile, kodwa ukuziphatha kwabo kubonisa ukuba bawaphule umnqophiso.

Funda: Isaya 1:16, 17. UYehova ubayalela ukuba benze ntoni abantu baKhe? Ezi ndima, kule ndawo, zihambelana njani noko uYesu wakuthethayo kuMateyu 23:23–28? Sigidimi sini esinokusizuzela thina namhlanje kwezi ndima nakule ndawo zinikwe kuyo?

Intetho Ngoxolelo (Isa. 1:18)

Funda: Isaya 1:18. Emva kokuyifunda amaxesha amaninzi, bhala oko ukholelwa uYehova uthetha kona apha. (Funda iindima ezimbalwa ukudlula ufumane konke okulapho).

UTHixo unike ubungqina obunamandla bokuba amaYuda, amangalelwayo, anetyala lokwaphula isivumelwano (Isa. 1:2–15), waza wabhenela kuwo ukuba aguquke (Isa. 1:16, 17). Esi sibheni sinika into ethi likho ithemba. Ngapha koko, kungaba kukuthini ukucenga umaphuli womthetho ojongene nokubulawa ukuba aguqule iindlela zakhe? Angathini umbanjwa ojongene nokufa “ukuhlangula abacinezelweyo, akhusele inkedama, athethele umhlolokazi” (NRSV)? Kanti ke, xa uThixo esithi, “Yizani, sibonisane” (Isa. 1:18), siyabona ukuba uYehova usafuna ukubonisana nabantu baKhe, usafuna ukuba baguquke babuye kwiindlela zabo ezimbi, nokuba bebese behle kangakanani. UYehova uthi kubo, Izone zenu ezibomvu ziya kuba mhlophe. Kutheni le nto izono zibomvu? Ngokuba ububomvu libala le“gazi” (ityala legazi) elizalise izandla zabantu (Isa. 1:15). Ubumhlophe, kwelinye icala, libala lobunyulu, ukungabikho kwetyala legazi. Apha, uThixo unikela ukubaguqula. Olu luhlobo lolwimi ukumkani uDavide awalusebenzisayo xa wayekhala kuThixo ukuba axolelwe isono sakhe sokuthabatha uBhatshebha abulale umyeni wakhe. (Funda: INd. 51:7, 14). KuIsaya 1:18, ukubonisana kukaThixo kukunika uxolo abantu baKhe!

Ukunika uxolo kukaThixo kusebenza njani njengokubonisana nabo ukuba baguqule iindlela zabo? Thelekisa nolsaya 1:18 nolsaya 44:22.

Ngoku siyawabona amazwi abukhali kaThixo esilumkiso kubantu baKhe. Awangawokubala abantu baKhe kodwa ngawokubazisa babuye kuYe. Ukunika kwaKhe uxolo yintetho enamandla exhasa isibheni saKhe kubantu ukuba bazihlambulule ekuziphatheni (Isa. 1:16, 17). Ukuxolela kwaKhe kwenza ukuba bakwazi ukuguqulwa ngamandla waKhe. Apha, sibona iimbewu zo“mnqophiso omtsha,” ekwaprofetwa ngazo kuYeremiya 31:31–34, apho ukuxolelwa kusisiseko solwalamano lwentliziyo entsha noThixo. Sisuka “sibomvu,” sinetyala esingeke sikwazi uluhlulawula. Ukusuka kuloo ndawo iphantsi yokuvuma intswelo yethu yokuxolelwa, sikulungele ukwamkela yonke into uThixo anokusinika yona.

Yidlani okanye Nidliwe (Isa. 1:19–31)

Funda: Isaya 1:19–31. Uthini umxholo obonakala apha obonakala kuyo yonke iBhayihile?

Qaphela ukulandelelana kokuma kukaIsaya 1:19, 20: ukuba abantu banyula ukuvuma nokumthobela uThixo, baya kudla okulungileyo kwelizwe (Isa. 1:19). Kwelinye icala, ukuba bayasala isipho saKhe sokuxolelwa nokubuyiselwa basuke bamvukele, baya kudliwa likrele (Isa. 1:20). Ukunyula kokwabo. Ezi ndima, ngoko, zinentsikelelo nesiqalekiso esixhomekekileyo. UIsaya 1 uyawaphinda abuye awasebenzise amazwi kaMoses abhalwe kuDuteronomi 30:19, 20 ngexesha umnqophiso nesizwe sakwaIsrayeli wawumiswa: “Ndingqinisisa amazulu nehlabathi namhla ngani; ndibeke phambi kwenu ubomi nokufa, intsikelelo nesiqalekiso.”

Khangela loo mazwi avela kuMoses. Qaphela, akukho mhlaba kandilele. Bubomi okanye ukufa, ziintsikelelo okanye iziqalekiso. Ucinga ukuba kutheni kukho okubini kuphela emasinyule kuko? Kutheni kungekho noko ukuthotywa kocingo?

La mazwi kaMoses ashwankathela uluhlu lwezilumkiso, iintsikelelo, neziqalekiso ezigqibezela ukwenziwa komnqophiso kuDuteronomi 27–30 (thelekisa noLevitikus 26). Iziqalelo zalo mnqophiso ziquka, (1) ukubalula oko uThixo wabenzela kona, (2) iimeko/imigaqo (imithetho) ekufuneka igciniwe ukuze ugcinwe umnqophiso, (3) ukubhekisa kumangqina, kunye (4) neentsikelelo neziqalekiso ukulumkisa abantu ngoko kuya kwenzeka xa kuthe kwaphulwa imigaqo yomnqophiso. Izifundiswa zifumanise ukuba ulandelelwano olufanayo nezivumelwano zopolitiko ezibandakanya abantu abangengawo amaIsrayeli, njengamaHiti. Ngoko ke, ekumiselweni komnqophiso kaThixo namaIsrayeli, [uThixo] wasebenzisa uhlobo awayeya kuluqonda ukuze kubetheleleke kuwo ngamandla kangangoko indalo neziphumo zolwalamano olubophelela ngokufanayo awayenyula ukungena kuwo. Okuhle okungamandla omnqophiso kwakukukhulu kakhulu, kodwa ukuba ulsrayeli uye wasophula isivumelwano sakhe, kwakuya kuba kubi kubo kunokuba kwakunjalo.

Kolwakho uhambo lobuKristu, ube namava athini ngomthetho-siseko weentsikelelo nesiqalekiso njengoko zinjalo ngasentla?

Ingoma Yothando Eyoyikisayo (Isa. 5:1–7)

Funda ingoma kwezi ndima zingentla, uthetha ntoni lo mzekeliso? UThixo uchaza intsingiselo yomzekeliso kuphela ekupheleni kwindima yesi-7. Ngokusebenzisa umzekeliso, unceda abantu ukuba bakhangele kubo ngenjongo ukuze bayivume imeko yabo eyiyo. UThixo uyisebenzise ngempumelelo le ndlela kukumkani uDavide (bona ku-2 Sam. 12:1–13). Ngokuyibiza le ngokuthi “ingoma yothando” (NRSV), uThixo uyityhila zisuka injongo yaKhe ngakubantu baKhe. Ulwalamano kunye nabo luphuma kwisimilo saKhe, esiluthando (1 Yohane 4:8). Ulindele ukubuyiselwa ngempendulo yothando. Phofu, endaweni “yeediliya” ufumana “iidiliya zasendle,” nto leyo ethetha ukuthi, ngesiHebhere, “izinto ezinukayo.”

Uthetha ukuthini uYehova xa athi kuIsaya 5:4, “Kube kusekho ntoni na eyenziwayo esidiliyeni sam endingayenzanga ke kuso?”

UThixo uthi kwiindima ezilandelayo: “Kaloku ke, makhe ndinazise into endiya kuyenza yona isidiliya sam. Ndiza kususa uthango lwaso, sibe lidlelo; ndiya kuluchitha udonga lwaso, sibe yingqushu; ndisijeje kuphele.” (Isa. 5:5, 6, NRSV).

Xa sisona, uThixo akakhawulezi asisuse kuYe ngokususa ukhuselo lwaKhe aze asitshabalalise. Uthi, ngokunyamezela, asinike ithuba lokwamkela uxolelo (bona ku-2 Pet. 3:9). Akasisusi noyedwa osabelayo kuye. Uqhubeka ebhena lo gama kusekho ithemba lempendulo. Akakhawulezi amthabathe uHAYI njengempendulo, kuba uyazi ukuba asazi kwaye sikhohlisiwe sisono. Ukuba ke akabheki ndawo nathi, ekugqibeleni uyasamkela isigqibo sokukhetha kwethu asiyeke sihlale kwindlela esinyule ukuba sibe yiyo. (bona IsiTyh. 22:11). Ukuba siyazingisa ukuzala izibheni zikaThixo ngoMoya waKhe, ekugqibeleni siya kudlula kumda wokuba singabuya (Mat. 12:31, 32). Ukumka kuKristu kuyingozi (Heb. 6:4–6). UThixo unokwenza kangaka, kuba ehlonela ukunyula kwethu ngokukhululekileyo.

Thabatha imbono efunyanwa kuIsaya 5:4, ethi “Kusekho ntoni na eyenziwayo esidiliyeni sam,” (NKJV) uyikhangele ngokukhanya komnqamlezo, apho uThixo wazinikela Yena njengombingelelo wezono zethu, ehlawulela ngenyama yaKhe ukwaphula kwethu umthetho waKhe. Yintoni enye engaphezulu ebinokwenziwa ngenxa yethu kunaleyo wayenzayo apho? Ukuhlala eMnqamlezweni kusinika njani isiqinisekiso sosindiso kuze kusikhuthaze ukuba siguquke sijike iindlela zethu?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ngokwendawo ekuIsaya 1:4, uEllen White wabhala: “Abantu ababebizaba ngoThixo bazahlula kuThixo, balahlekwa bubulumko babo bagqwetheka nengqiqo yabo. Abazange bakwazi ukubona kude; kuba babelibele ukuba babehlanjwe kuzo zonke izono zabo ezidala. Bahamba bengenakuphumla nakuqiniseka phantsi kobumnyama, bezama ukucima ezingqondweni zabo inkumbulo yenkululeko, yesiqinisekiso, nolonwabo lwemo yabo yangaphambili. Bazilahlela kuzo zonke iintlobo zobuganga, nempambano yobuhiba, bezibeka ekuchaseni ukubonelela kukaThixo, besenza nzulu ityala elalise liphezu kwabo kakade. Baphulaphula izityholo zikaSathana ngakwisimilo sikaThixo, baza bambeka uThixo njengongenayo inceba noxolelo.”—*The SDA Bible Commentary*, vol. 4, p. 1137.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ungakwazi njani “ukuzihlamba”? yintetho ethini leyo? (Bona uFilipu 2:12, 13.)
2. UKristu wayimilisela, wayikhulisa, wayisebenzisa njani ingoma yothando yesidiliya? Mat. 21:33–45, Marko 12:1–12, Luka 20:9–19. Zifundo zini ezikwibali elingentla kuthi Balindi [maSeventh-day Adventists]?
3. Luyintoni ulwalamano phakathi koxolelo olunikwa nguThixo nokuguqulwa akufezayo ebomini bethu? Kokuphi okuza kuqala, ukuguqulwa okanye ukuxolelwa, okanye ukuxolelwa kulandele ukuguqulwa? Kubaluleke ngantoni ukwazi ukuba kokuphi okuza kuqala?
4. Kwisicatshulwa esingentla, uEllen G. White uthi abantu bazibeka ekuchaseni “ukubonelela kukaThixo.” Kuthetha ukuthini oko?

Isishwankathelo: Xa abantu bakaThixo bemlibele baze bazithabathe njengabanebango kuzo iintsikelelo zaKhe, uye abakhumbuze ukuba kufuneka baphendule ngomnqophiso wabo kunye naYe. Ngenceba, walatha imeko yabo, abalumkise ngeziphumo eziyintshabalalo, aze abakhuthaze ukuba bamvumele ukuba abaphilise abahlambulule.